kuzitshabalalisa. Kulusizi ukuba inkantini zide zande nanga pezu kwetyalike. E-Natal balumkengapezulu kuba beyilungisa lendawo. Ezindleleni zase Natal akunge fumani ziqu zabamnyama ezindlwini zenkantini. Ukutengisa utywala apo kumutu omnyama lityala elikulu. Nakuba lomteto usapulwa futi uyabutintela ubunxila.

Umsebenzi omkulu kuseloko kute kwako imvula nje, kukulima nokuceba. Kuko ama Mfengu asele nazo ezibokwe kutiwa ziseyibokwe. Ngonyaka odluleyo uboya bazo baba sezivolweni ezimbini nakwezintatu. Ama-Mfengu pesheya kwe Neiba nakwezinye indawo akutele kakulu ngapezu kwama Xosa. Ukuba ama Xosa akalumki ayakuba semva kwisizukulwana esizayo, buti ubutyebi, nobukulu kwelilizwe, bube nabo bekusitiwa ngabakonzi. Izinto okwangoku ziqubela kulondawo.

Omnye umbalelani onokutenjwa—uti u-Hrili ubulele isibini samadoda ngenxa yokuti ayatakata, ekungati kuko nabafazi ababuleweyo; uti kanjako bamayela ekulwini abasabileyo elizweni lake. Esona sizatu sokuba awabulale lamadoda sesokuba ekolwa kukuba atakate inkomo zake, zangenelwa yidolosi!

## UKUVULWA KWE TYALIKE ENTSHA.

Kwisikola sama Wesile esise Nxukwebe kuvulwe ityalike entsha, ngosuku lwe 19 ku October. Kwabako ngalomini into eninzi yabantu. Kwakungati inkoliso yeso sikolo ibibutene ngase tyalikeni. Abelungu ababekona babe ngapezu kwekulu, bevela esi Nqenqeni nakwezinye indawo. Yazala indlu leyo, kwada kwabako neqela elikulu ngapandle. Inani labo bonke ababe kona belimayela namakulu osibozo.

Omnye umfundisi wakona, u-Mr. Lamplough uleseshe kwi newadi Yokuqala Yokumkani kumazwi okutandaza nokuyala kuka Solomon, ngemini yokuvulwa kwe tempile yase Jerusalem. Kwakugqitywa oku, kwavunywa, kwatandazwa, waza omnye umfundisi wakona, u-Mr. Impey washumayela kuwo lamazwi "Andabona tempile kona" (Izityilo xxi. 22.) Pambi kokupunywa, kwatetwa ngemali yokwakiwa kwendlu. Iyonke yaba ziponti eziliwaka elina mashumi omahlanu. Eseyifoliwe, netenjisiweyo, ngamakulu omahlanu anomvo. Esaseleyo ikwa lelonani. Kwabutwa ngalomini iponti ezisemashumini amabini. Kungatiwa imali yalendlu ininzi, kodwa indlu leyo iyifanele. Ute umfo obekona osand' ukuvela pesheya, lomali ibingafolelwa indlu enjalo nakwe lama Ngesi. Yakiwe yonke ngamatye, ibonakala ukuba iyakuma ixesha elide.

Kuhlanganisenwe kamva kwityalike endala apo bekulungiswe ukudla, kwakoke inxenye yentombi nabafana besosikola, abavuma ngento emnandi, becula ngohlobo ekuculwa ngalo ngaba kufundileyo ukuvuma, bengenzi ngendlela yokukwekwa, ekwenziwa ngayo emitshatweni, xa kutwa kuya vunywa

Ibuye yabako intlanganiso ngokuhlwa yokutandaza, epume xa kuza kuba lixesha lokulala.

## UKUVULWA KWESIKOLA ESITSHA E-RWARWA.

Ngolwesine lwale nyang' ifileyo kuvulwe indlu entsha Ye-Sikula E-Rwarwa. Ayaba natyala. Yakiwe kakuhle yaqina. Idle amashumi omatandatu anesibozo eponti (£68). Imali yayo izuzwe ngoluhlobo:—

| | | | |
|---|---|---|---|
| Intlanganiso yase Scotland ibute, ...... | £30 | 0 | 0 |
| Intlanganiso ya'na Dikoni E-Rwarwa apo yabuta, ... .. ... ... ... ... ... | 20 | 0 | 0 |
| Saza isitandatu sabamnyama sakupa,...... | 5 | 5 | 0 |
| Aza amashumi amane kwa kwabamnyama akupa, .. ... ... ... ... ... | 2 | 1 | 6 |
| Baza abelungu abamele lomlambo bafola | 6 | 5 | 0 |
| Kwabutwa mhla yavulwa indlu leyo ...... | 5 | 0 | 0 |
| | £68 | 11 | 6 |

Kuko 'malana iseleyo izipont' ezimbini, ezuzwe ngokutengiswa kwe bokwe enamatakane amabini, nangento zokwaka eziseleyo ekwakiweni kwendlu leyo. Le mali inge [illegible]a intsimbi yexesha, ekubeni U-Dr. Dale edingile ukuzizuzela izikula zabamnyama intsimbi ezo, ngenani elilula.

## AMATYALA EDIKENI.

Ngolwesine, lwa 20 ku October, 1870.

U-Booyi um-Xosa waye ziswe ematyaleni ngu Mr. Humphreys ngenxa yokulahla igusha ezisibozo ngokuhiliza kwake. Kodwa ufunyenwe engena tyala.

Ngolwesine, lwa 27 ku October, 1870.

U-Daniel Petrus Marais ugwetyiwe ukuba atyumbe, kuko ukuhlaula iponti, nokuhlala ireki entolongweni esela amanzi etyuwa; ngenxa yokubeta U-Catherine Dutton okwase Alice.

Ngolwesine, lwa 29 ku October, 1870.

U-John April, waye sematyaleni ngenxa yokuba inkabi ka-Nyoka umtoliki wamatyala E-Edikeni. Lite lakuviwa elisela lavuma ukuba liyibile, laya kuyitengisa esilafeni Esi-Nqenqeni. Lendoda isaya kubuye iviwe.

Ngomvulo, lwa 31 ku October, 1870.

U-Booyi no-Seya babe igusha yomlungu wabo u-Mr. David Watson wase Langollan. Lamadoda afunyenwe enetyala omabini, agwetyelwa ukuhlala entolongweni inyanga zontatu, nokuze asele amanzi etyuwa.

U-Daniel McBrien no-Robert Hambly, akubeni bekutiwa babete U-John Tshatshu umbexeshi, bafunyenwe bengenatyala.

## INDABA ZEMFAZWE NGOCINGO.

Cape Town, Friday, 28 ku October.

I-*Celt* umkombe we post ufike apa namhla, emini enkulu.

Imikosi yama Prussia ifaula I-Paris.

Umkosi wama French okumawaka angamashumi amabini anesihlanu (25,000) ulwe nowama Prussia, okumawaka elishumi elinesihlanu (15,000) ngapandle kwomzi agxotwa ama-Prussia kwabulawa into eninzi yawo. Kwaza kwaku pindwa, kwagxotwa ama-French, kwa baujwa amawaka amabini kuwo.

Kusamana kusiliwa. Amawaka angamakulu omatatu (300,000) ama-Prussia afaula I-Paris. Kuko E-Paris apo ama-French angamawaka angamakulu omatatu anamashumi mahlanu (350,000) axobileyo.

Akuvunywanga kwakufun' ukuxoliswa. Ama-Prussia abiza umhlaba, awavumi ama French. Omnye umpakati wama French U-Jules Favre uyile ku-Bismarck umpakati wama Prussia, kodwa ngenxa yokubizwa komhlaba, ababi nakugqiba ndawo.

Ati ama-German kwaku dutyulwa kakulu ngenkanunu nangemipu ezitrateni zase Paris, ngolwa 21 ku Sept., engazi kodwa ukuba kuliwa ngamanina.

Zisemi nqi inqaba ezifaulweyo, ezo ke zingqonge I-Paris.

Ukumkanikazi U-Eugenie uye ku nyana wake E-England.

Ama-Russia asaxoba kunene. Kuko amafe ngokungati umnqopiso we 1851, afuna uku wapula. Ilizwe lase Italy ebelifuda lahlukahlukene, ngoku lihlangene, laba bubukumkani obunye.

Impi yama Italian ingene ngoku E-Rome ibotwe lakowawo. I-Pope, indoda enkulu ebilaula kona, inikwe indawo yokuhlala, nemali yayo isahanjiswa.

Kwakutshona I-*Captain* kwatshabalala amakulu omane anamashumi osibozo abantu anamntu mnye (481), kwasinda ishumi elinesibozo kupela. Ubute lomkombe waqutywa lilizakazi elikulu wapetuka watshona kwaoko.

Ngolwe 17 ku Sept., U-Trochu elinye igosa lase France, lapuma E-Paris nomkosi ongamawaka angamakulu omahlanu ukuya kulwa nama Prussia abeselekufupi nesosixeko.

Ama-Prussia akavumi ukuba kulanyulwe.

U-MacMahon igosa lama French ubube enamanxeba alishumi eline sibozo.

I-Paris ayivum' ukutoba; ngoku yenza imipu eyakudubula ngo mpunga wamanzi. Iyakuba sezindongeni zomzi, eyakugqiba utshaba.

Kutiwa U-Bazaine eliny' igosa lama French, upumile E-Metz kunye nomkosi wake. Kutiwa uligxotile iqela lomkosi wama Prussia, waza waya kuncedisa E-Strasbourg.